## Iziqulatho

1. Ukuguqukela ku-Allah emva kokona phambi konyezi
2. Ukunikezela kwisisa
3. Ukoyika isohlwayo sika-Allah
4. Ukucela iParadesi
5. Ukumisa ingqondo nomzimba emthandazweni
6. Ukuzikhwebula kwizinto ezingelo lutho
7. Ukubhatala iZakaat
8. Ukukhusela ubunyulu bakho
9. Ukunakekela okugcinisiweyo nokugcina izithembiso
10. Ukhusela umthandazo
11. Ukungenzi bubi kwabanye abantu
12. Thethani inyani
13. Ukwakha iMasjid
14. Ukhangela ulwazi
15. Ukhwaza i-Azaan
16. Ukufunda amagama ka-Allah Ta’ala
17. Usasaza Salaam
18. Nika abantu ukutya
19. Qinisa amaqhina okuzalana
20. Unqula ebusuku
21. Utyelela abagulayo
22. Ukunakekela abantwana abangamantombazana

## 1. Ukuguqukela ku-Allah emva kokona phambi konyezi

إِنَّ الْمُتَّقِينَ فِى جَنَّاتٍ وَعُيُون

*Inene wona amalungisa aya kubaphakathi kweMiyezo nemithombo.* (Quran 51:15)

Enye yeekhwalithi zabo ezibangela ukuba bafumane iParadesi kukuthandaza ngonyezi becela ukuxolelwa izono zabo. U-Allah Ta'ala uthi kwi Quran:

وَبِالْأَسْحَارِ هُمْ يَسْتَغْفِرُون

*Kwaye nangeeyure eziphambi konyezi ayeye acele itarhu (ku-Allah).* (Quran 51:18)

Ngaphandle kokunqula u-Allah Ta'ala ebusuku, amalungisa acela uxolelwa ngu-Allah ngenxa yokubulela ubungangamsha buka-Allah nokuvuma iimposiso zawo.



## 2. Ukunikezela kwisisa

إِنَّ الْمُتَّقِينَ فِي جَنَّاتٍ وَعُيُون

*Inene wona amalungisa aya kubaphakathi kweMiyezo nemithombo.* (Quran 51:15)

Enye yeekhwalithi ekhokelela eParadesi kukunikezela kwisisa. U-Allah Ta'ala uthi kwiQuran eNgcwele:

وَفِي أَمْوَالِهِمْ حَقٌّ لِّلسَّائِلِ وَالْمَحْرُوم

*Kanti nasebutyebini bawo (kwakuye kukhutswe) amalungelo abahlwempuzekileyo, abangqibi nababandezekileyo.* (Quran 51:19)

Bachitha ubutyebi kwisisa kwabo bahluphekileyo bacelayo kwaye bekhangela nabo bahluphekileyo kodwa bengaceli. Ngokuthi u-Allah akubize okukunikezela isisa njenge lungelo, kubonisa ukuba xa unika isisa umntu ohluphekileyo akumenzeli sibonelelo, koko luxanduva olubekwe ngu-Allah emagxeni wabatyebileyo.

## 3. Ukoyika isohlwayo sika-Allah

إِنَّ الْمُتَّقِينَ فِي جَنَّاتٍ وَنَعِيم


*Inene wona amalungisa aya kubaphakathi kweMiyezo nolonwabo.* (Quran 52:17)


Enye yeekhwali thi eyakwenza bonwabe eJannah kukuba besoyika isohlwayo sika-Allah Ta'ala, nasekubeni bebehleli nezizalwana zabo kwaye besaphila apha emhlabeni:

قَالُوا إِنَّا كُنَّا قَبْلُ فِي أَهْلِنَا مُشْفِقِين

*Baya kuthi: "Inene thina kwixesha elidlulileyo esasikunye nabantu bakuthi ngalo sisoyika (isohlwayo sika-Allah).* (Quran 52:26)

***Isiphumo koko kukuba u-Allah Ta'ala uyakubakhusela koko bakoyikayo (isohlwayo sesihogo).***





# 4. Ukucela iParadesi

إِنَّ الْمُتَّقِينَ فِي جَنَّاتٍ وَعُيُون

*Inene wona amalungisa ayakuba phakathi kweMiyezo nolonwabo.* (Quran 51:15)

Enye yeekhwalithi eyakubenza bonwabe eParadesi, kukuba bebethe rhoqo becela ku-Allah iParadesi kwaye becela ukuba bakhuselwe kwisohlwayo sesihogo:

إِنَّا كُنَّا مِن قَبْلُ نَدْعُوهُ

*Inene sasidla ngokucela kuYe ngaphambili.* (Quran 52:28)

IHadith isiqinisekisa ngokuba,

مَنْ سَأَلَ اللَّهَ الْجَنَّةَ ثَلَاثَ مَرَّاتٍ قَالَتْ الْجَنَّةُ اللَّهُمَّ أَدْخِلْهُ الْجَنَّةَ

وَمَنْ اسْتَجَارَ مِنْ النَّارِ ثَلَاثَ مَرَّاتٍ قَالَتْ النَّارُ اللَّهُمَّ أَجِرْهُ مِنْ النَّارِ

Nawuphina lowo ucela ku-Allah iParadesi kathathu. iParadesi iyakuthi. Yiri na Allah mngenise eParadesi. Kanti lowo ucela ukukhuselwa kathathu esiHogweni. isiHogo siyakuthi. Yiri na Allah mkhusele esiHogweni.. (Tirmidhi 2572)



## 5. Ukumisa ingqondo nomzimba emthandazweni

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

IQuran Engcwele icacisa ngeekhwalithi zamakholwa, emva koko ichaza ukuba iziqhamo zabo banezokhwalithi kukuba:

أُولَئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Abo ke ngabona zindlalifa zokwenyani, Bona bayakudla ilifa iFirdous (iParadesi). Bona baya kuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

Enye yeekhwalithi (zamakholwa) kukumisa ingqondo nomzimba emthandazweni. U-Allah Ta'ala uthi,

الَّذِينَ هُمْ فِي صَلَاتِهِمْ خَاشِعُون

*Abo benza umthandazo ngokumisa ingqondo nokuzithoba.* (Quran 23:2)

Abashukushukumi ngokungeyomfuneko emthandazweni. Ingqondo, ingcinga zabo kunye nemizimba yabo ithobekile kwaye ithe qwa.



## 6. Ukuzikhwebula kwizinto ezingelo lutho

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

IQuran Engcwele izoba umfanekiso wezinye iikhwalithi zamakholwa, kwaye isithi abo banezikhwalithi:

أُولَـٰئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Abo ke ngabona zindlalifa zokwenyani, Abaza kudla ilifa iFirdous (iParasdesi). Bona, bayakuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

**Enye yeekhwalithi yabantu baseParadesi kukuba bayazikhwebula kubu xoki, okuquka ukwenza amahlakani no-Allah Ta'ala, nesono, kunye namazwi okanye izenzo ezingeloncedo.**

U-Allah Ta'ala uyayicacisa kwiQuran Engcwele,

وَالَّذِينَ هُمْ عَنِ اللَّغْوِ مُعْرِضُونِ

*Nabo bazikhwebulayo kwintetho nezenzo ezingelo lutho.* (Quran 23:3)

# 1. Ukubhatala iZakaat

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

IQuran Engcwele izoba umfanekiso wezinye iikhwalithi zamakholwa, kwaye isithi abo banezikhwalithi:

أُولَئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Abo ke ngabona zindlalifa zokwenyani, Abaza kudla ilifa iFirdous (iParadesi). Bona bayakuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

## Enye yezikhwalithi kukurhola iZakaat.

U-Allah Ta'ala uthi kwiQuran Engcwele:

وَالَّذِينَ هُمْ لِلزَّكَاةِ فَاعِلُون

*Nabo bahlawula iZakaat.* (Quran 23:4)





# 8. Ukukhusela ubunyulu bakho

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

IQuran Engcwele izoba umfanekiso wezinye iikhwalithi zamakholwa, kwaye isithi abo banezikhwalithi:

أُولَئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Abo ngabona zindlalifa zokwenyani, Abaza kudla ilifa iFirdous (iParadesi). Bona bayakuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

Enye yeekhwalithi ezikhokelela ukuba umntu afumane iParadesi, kukuba umntu azibambe ekwabelaneni ngesondo ngaphandle komtshato, kunye nezinye indlela zokuzivisa kamnandi ngokwesondo okungavumelekanga umzekelo ukwabelana ningabesini esinye.

u-Allah Ta'ala uthi kwiQuran Engcwele:

وَالَّذِينَ هُمْ لِفُرُوجِهِمْ حَافِظُون

*Nabo balondoloza iindawo ezinqabileyo (ekungcoleni),* (Quran 23:5)

Kuyinto encomekayo kwaye kuzisa umvuzo ukuba uzalisekise iinkanuko zesondo neqabane lakho ngokwasemtshatweni.



## 9. Ukunakekela okugcinisiweyo nokugcina izithembisos

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

iQuran Engcwele icacisa nangakumbi iikhwalithi zamakholwa, kwaye isithi abo banezokhwalithi:

أُولَئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Aba ke ngabona zindla lifa zokwenyani. Abo ngabona zindlalifa zokwenyani, Abaza kudla ilifa iFirdous (iParadesi). Bona bayakuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

Enye yeekhwalithi ezikhokelela ukuba abantu bangene iParadesi. kukuba xa begciniswe into. bayinakekele. kwaye xa bethembisile basigcine isithembiso.

U-Allah. U-Allah Ta'ala kwiQuran Engcwele uthi:

وَالَّذِينَ هُمْ لِأَمَانَاتِهِمْ وَعَهْدِهِمْ رَاعُون

*Ke bona abo bathembakeleyo koko bakugcinisiweyo nakwizithembiso zabo.* (Quran 23:8)



## 10. Ukhusela umthandazo

قَدْ أَفْلَحَ الْمُؤْمِنُون

*Abaphumeleleyo ngokwenene ngamakholwa.* (Quran 23:1)

IQuran Engcwele icacisa ezinye iikhwalithi zamakholwa, ithi abanazo iikwalithi:

أُولَٰئِكَ هُمُ الْوَارِثُون الَّذِينَ يَرِثُونَ الْفِرْدَوْسَ هُمْ فِيهَا خَالِدُون

*Abo ke ngabona zindla lifa zokwenyani. Abo ngabona zindla lifa zokwenyani, Abaza kudla ilifa iFirdous (iParadesi). Bona bayakuhlala apho ngonaphakade.* (Quran 23:10-11)

### Enye yezokhwalithi zikhokelela eParadesi kukukhusela umthandazo. ngokuthi uthandaze imithandazo ngexesha layo nangendlela engcono.

Allah Ta'ala uthi kwiQuran Engcwele:

وَالَّذِينَ هُمْ عَلَىٰ صَلَوَاتِهِمْ يُحَافِظُون

*Nabo balondoloza imithandazo yabo (ngononophelo olungqongqo).* (Quran 23:9)

## 11. Ukungenzi bubi kwabanye abantu

UmProfethi Ohleniphekileyo Sallallahu Alayhi Wasallam naye ucacise iikhwalithi eziyakukhokelela ikholwa eParadesi.

اضْمَنُوا لِي سِتًّا مِنْ أَنْفُسِكُمْ أَضْمَنْ لَكُمُ الْجَنَّةَ

*Ndiqinisekiseni ngezinto ezintandathu, mna ndiyakuniqinisekisa ngeParadesi.* (Musnad Ahmad 22251)

**Enye yezo zinto zintandathu kukungenzi ububi kwabanye abantu.**

IHadith isiyalela ukuba,

وَكُفُّوا أَيْدِيَكُمْ

*Nqandani izandla zenu ekwenzeni ububi kwabanye abantu.* (Ahmad)



# 12. Thethani inyani

UmProfethi Ohleniphekileyo Sallallahu Alayhi Wasallam ucacise iikhwalithi eziyakukhokelela eParadesi.

اضْمَنُوا لِي سِتًّا مِنْ أَنْفُسِكُمْ أَضْمَنْ لَكُمُ الْجَنَّةَ

*Ndiqinisekiseni ngezinto ezintandathu, mna ndiyakuniqinisekisa ngeParadesi.*
(Musnad Ahmad 22251)

**Ezinye zeziKhwalithi kukuthetha inyani.**

IHadith iyalela,

اصْدُقُوا إِذَا حَدَّثْتُمْ

*Thetha inyani rhoqo uthetha.* (Ahmad)



## 13. Ukwakha iMasjid

### UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam uthembise ngeParadesi kulowo wakha iMasjid.

مَنْ بَنَى مَسْجِدًا لِلّهِ بَنَى اللّهُ لَهُ فِي الْجَنَّةِ مِثْلَهُ

Nawuphi na lowo wakha iMasjid ngenxa ka-Allah kuphela, u-Allah uyakumakhela indlu efanayo eParadesi. *(Bukhari 439)*




# 14. Ukhangela ulwazi

**UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam uthembise ngeParadesi kulowo uzama ukufumana ulwazi (lwenkolo).**

مَنْ سَلَكَ طَرِيقًا يَلْتَمِسُ فِيهِ عِلْمًا سَهَّلَ اللّٰهُ لَهُ بِهِ
طَرِيقًا إِلَى الْجَنَّةِ

*Nawuphi lowo uthabatha uhambo ekhangela ulwazi (lwenkolo), u-Allah uyakumenzela lula indlela eya eParadesi.*
(Muslim 2699)



## 15. Ukhwaza i-Azaan

**UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam uthembise ngeParadesi kuye wonke umntu obizela abantu emthandazweni nge-Azaan.**

مَنْ أَذَّنَ ثِنْتَيْ عَشْرَةَ سَنَةً وَجَبَتْ لَهُ الْجَنَّةُ

*Nawuphi na lowo ukhwaza i-Azaan iminyaka elishumi elinambini iParadesi iqinisekisiwe kuye.* (Ibn Majah 728)

## 16. Ukufunda amagama ka-Allah Ta'ala

**IHadith ithembisa ngeParadesi kuye wonke umntu othi afunde okanye enze ngokwamagama amahle ka-Allah Ta'ala.**

لِلَّهِ تِسْعَةٌ وَتِسْعُونَ اسْمًا مِائَةٌ إِلاَّ وَاحِدًا لاَ يَحْفَظُهَا
أَحَدٌ إِلاَّ دَخَلَ الْجَنَّةَ

*U-Allah unamagama ayi 99 ithetha ukuthi ekhulwini la magama Wakhe uthabatha igama elinye, nawuphi na okhelelwayo kwinto ethethwa ngala magama kwaye enze ngokwa lo magama, uyakuyingena iParadesi.* (Bukhari 6410)

## 17. Usasaza Salaam

UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam usinike izinto ezine emasizenze, eziyakusinika isiqinisekiso sokungena eParadesi. Uqinisekise ngokuba lowo wenza ezo zinto,

تَدْخُلُوا الْجَنَّةَ بِسَلاَمٍ

*Uyakuyingena iParadesi ngoxolo (salaam).* (Ibn Majah 3251)

*Enye yezinto ezinokusingenisa iParadesi kukubulisa ngokuthi Salaam.*

أَفْشُوا السَّلاَمَ

*Sasazani iSalaam phakathi kwenu.* (Ibn Majah)



## 18. Nika abantu ukutya

UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam usinike izenzo ezine ezilula ukwenziwa, zenzo ezo zikhokelela eParadesi. Uqinisekisile kulowo uzenzayo ukuba uyakufumana iParadesi,

تَدْخُلُوا الْجَنَّةَ بِسَلاَمٍ

*Uyakuyingena iParadesi ngoxolo (Salaam).* (Ibn Majah 3251)

*Esinye sezenzo esikhokelela ekungeneni eParadesi kukunika abantu ukutya.*

وَأَطْعِمُوا الطَّعَامَ

*Nika ukutya abanye abantu.* (Ibn Majah)

# 19. Qinisa amaqhina okuzalana

UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam usinike izenzo ezine ezilula ukwenziwa, zenzo ezo zikhokelela eParadesi. Uqinisekisile kulowo uzenzayo ukuba uyakufumana iParadesi,

تَدْخُلُوا الْجَنَّةَ بِسَلاَمٍ

*Uyakuyingena iParadesi ngoxolo (Salaam).* (Ibn Majah 3251)

## Esinye sezenzo ezikhokelela ekungeneni eParadesi kukuqinisa amakhonco okuzalana.

وَصِلُوا الأَرْحَامَ

*Qinisa amakhonco okuzalana.* (Ibn Majah)



## 20. Unqula ebusuku

UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam usinike izenzo ezine ezilula ukwenziwa, zenzo ezo zikhokelela eParadesi. Uqinisekisile kulowo uzenzayo ukuba uyakufumana iParadesi,

تَدْخُلُوا الْجَنَّةَ بِسَلاَمٍ


*Uyakuyingena iParadesi ngoxolo (Salaam).*
(Ibn Majah 3251)

### Esinye sezenzo ezikhokelela eParadesi kukuchitha isiqingatha sobusuku ekunquleni u-Allah Ta'ala.

UMujahid Rahmatullahi Alayhi kumalungisa kunqabile ukuwabona ephosa ukuthandaza iTahajjud (umthandazo wasebusuku). U-Anas Ibni Malik RadhiAllahu Anhu unoluvo lokuba lo mthandazo uquka nexesha eliphakathi kwe Maghrib ne Eshaa.

وَصَلُّوا بِاللَّيْلِ وَالنَّاسُ نِيَامٌ

*Kwaye thandaza ngelixesha abantu belele.*
(Ibn Majah)



# 21. Utyelela abagulayo

من عاد مريضًا أو زار أخًا له فى الله ناداه منادٍ بأن
طِبتَ وطابَ مَمْشَاك وتَبَوَّأْتَ مِن الجنَّة مَنْزِلاً

Nawuphi na lowo utyelela umntu ogulayo okanye umntakwabo ngenxa yokuba efuna ukonwabisa u-Allah, ummemezi uyakwazisa: Wenze okulungileyo, inga uhamba kwakho kungasikeleleka, kwaye uzilungiselele indawo yokuhlala eParadesi. (Tirmidhi 2008)



## 22. Ukunakekela abantwana abangamantombazana

مَنْ كُنَّ لَهُ ثَلَاثُ بَنَاتٍ يُؤْوِيهِنَّ وَيَرْحَمُهُنَّ وَيَكْفُلُهُنَّ وَجَبَتْ لَهُ الْجَنَّةُ الْبَتَّةَ قَالَ قِيلَ يَا رَسُولَ اللّٰهِ فَإِنْ كَانَتْ اثْنَتَيْنِ قَالَ وَإِنْ كَانَتْ اثْنَتَيْنِ قَالَ فَرَأَى بَعْضُ الْقَوْمِ أَنْ لَوْ قَالُوا لَهُ وَاحِدَةً لَقَالَ وَاحِدَةً

UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi,

*Nawuphi na lowo unabantwana abathathu abangamantombazana obakhathaleleyo. oneneeba kubo. uyabanxibisa. inene iParadesi iyimfuneko kuye.*

*Kwathiwa, "Yini Mthunywa ka-Allah Sallallahu Alayhi Wasallam, kuzakwenzeka njani xa umntu enabantwana abangamantombazana ababini?" UmProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam waphendula wathi, "Nokuba unabantwana abangamantombazana ababini." Abanye abantu babezibuza ukuba kengoku unomntwana oyintombazana omnye, umProfethi Sallallahu Alayhi Wasallam ngokuqinisekileyo ngetshilo ukuba nokuba mnye.* (Musnad Ahmad 13835)

